

Study & Master

Support Pack | Grade 12

CAPS

Icandelo loku-1

IsiXhosa

ULwimi Lwasekhaya

Esi siqendwana senkxaso kwi**Kharityulam yesiXhosa yeCAPS iBanga le-12** sibonelela ngemisetyenzana ezekelisayo neluncedo. Yonke imisetyenzana ineempendulo. Umfundi ngamnye angayenza ngokwakhe ekhaya le misetyenzana okanye ingaba sisiseko sokufunda ngezifundo asemva ngazo okanye ibe sisifundo esiqhutywa nge-intanethi. Uvunyelwe ukuba usishicilele okanye usifotokope esi siqendwana okanye usisasaze ngendlela ye-intanethi nge-imeyile okanye nge-WhatsApp.

I-Cambridge University Press Africa ngumzi wopapasho ozingcayo waseMzantsi Afrika kwaye le mathiriyeli sibonelela ngayo njengendlela yokusabela imfuneko yokuxhasa abefundisi-ntsapho nabafundi ngeli xesha lokuvalwa kwezikolo nakwixesha eliseleyo lonyaka wesikolo ka-2020.

Ukuba ufuna ulwazi oluthe kratya malunga neencwadi nemathiriyeli yethu eluncedo nevunyiweyo ye-*Study & Master* CAPs, ndwendwela u-www.cambridge.org

We are all in this together!

Umbuzo 1

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

UThando wayehlala nabazali bakhe eKapa. Wazalwa eyimfama. Kwabonwa ukuba makakhe ayekwe akhule ukuze kujongwe ukuba anganyangeka kusini na. Ngeli xesha wabe efunda ngelizwe.

UThando wayedla ngokonwaba kakhulu xa efundelwa amabali nguZuko noLuthando nangezinto ezintle zaseKapa. Kwakunzima kuThando engenalo nofifana lokubona izinto ekuthethwa ngazo. UZuko noLuthando babethatha ixesha elide kakhulu bezama ukuchaza indlela izilwanyana ezijongeka ngayo, abantu nezindlu nako konke okusingqongileyo. Njengoko ixesha lihamba uThando wasuka wazenzela owakhe umfanekiso-ngqondweni weengonyama, weendlovu, wezinja, weentaka, wamabhabhathane kunye nemithi.

Kwakungathi akafiki ekhaya utata wakhe uMnumzana Sango. Wabuya emphathele amabali amnandi. UMnumzana lo wonwaba kakhulu xa ebona ulonwabo noncumo olusebusweni kunyana wakhe. Wayembalisela amabali qho ebusuku. Ngalo lonke ixesha embalisela amabali wayegqibela ngawona mabali amnandi naza kutsala umdla wakhe. UThando wayephulaphula ngomdla nangenzo evuya. Yayiba ngathi ayipheli imini abuye emsebenzini utata wakhe.

Ngenye imini uThando egqiba iminyaka emine, umama wakhe akazange aqaphele ukuba ulindele utata wakhe eholweni. “Utata wakho uya kufika emva kweyure ukususela ngoku,” watsho umama wakhe.

“Uyeza ngoku,” waphendula watsho uThando. Waphuma phandle uNkosikazi Sango. Umzi wabo wawungqongwe yimithi emininzi kodwa wayekwazi ukuyibona imoto xa isiza kodwa wathi akujonga waqaphela ukuba akukho moto izayo. “Uya kubuya ngentsimbi yesithandathu,” watsho eqinisekile.

Wothuswa kukufika komyeni wakhe ingaphelanga imizuzu emibini. Intlanganiso awayeye kuyo yaphuma phambi kwexesha yaze loo nto yenza wakhawuleza wabuya.

“Ubumazela phi ukuba utata wakho uza kubuya?” wabuza kunyana wakhe. “Ndiva ukugquma kwemoto yakhe,” waphendula watsho. Akazange akholelwe umama wakhe watsho wavakala esithi, “Ngummangaliso lo.”

Imibuzo

1. Ingaba uThando wayekhubazeke njani? (2)
2. Umama kaThando umangaliswa yintoni? (2)
3. Ukuba ibinguwe ukwimeko kaThando ubuza kuthini? (2)
4. Ucinga kufuneka sibaphathe njani abantu abakhubazekileyo? (2)
5. Ingaba eli bali luluvo okanye yinyani? Xhasa impendulo yakho. (2)
6. Umbhali udlulisa umyalezo othini? (2)
7. Ingaba uvakalelwa njani emva kokufunda eli bali? Kungani uvakalelwa kanjalo? (4)
8. Yintoni oyifunde kweli bali? (2)
9. Ingcinga ephambili yeli bali ithini?
 - 9.1 UThando ulindele utata wakhe.
 - 9.2 UThando nomama wakhe balindele utata.
 - 9.3 UThando uyavuya.
 - 9.4 Umama uyacaphuka kuba utata ebuye kwangexesha. (2)

10. Ucinga umbhali weli bali uvakalelwa njani? (2)
 11. Ungathi uThando ngumntu onjani? (2)
 [24]

Isicatshulwa esibonwayo.

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo.



1. Ingaba le khathuni ijoliswe koobani? (1)
2. Uthini umyalezo wombhali kule khathuni? (1)
3. Lunjani ulwimi olusetyenziswe ngumbhali? (1)
4. Ucinga kungani lingekho iqela leBafana Bafana kule Ndebe? (1)
5. Ucinga ukuba ukuze likwazi ukulungela imidlalo eli qela kufuneka lidlale njani? (1)
6. Ingaba abantu abathetha kule khathuni bavakalelwa njani? Khetha amagama abonisa uvakalelo lwabo. (1)

[6]

[30]

Umbuzo 2


Funda esi sicutshulwa uze usishwankathele ngamagama angama-70 ukuya kwangama-80.

Akunakosuleleka yintsholongwane kagawulayo ngokusebenzisa indlu yangasese, idesika, isitulo, i-ofisi, imoto, iteksi, ityesi, imfonomfono, ikomityi, ifolokhwe, imagi, indlu, amatshiti okanye iimpahla nomntu owosulelekileyo. Akunakosuleleka ngokwabelana nomntu ngokutya, ukusebenzisa ibhafu, iqula lokuqubha okanye ukuxhawulana nomntu owosulelekileyo. Ukuba wanga okanye uphuza umntu onentsholongwane emilebeni akunakosuleleka. Awunakosuleleka ngokulunywa yingcongconi, yincukuthu, ikhalane okanye intakumba ethe yaluma umntu onentsholongwane kagawulayo.

Abanye abantu bayathanda ukucakaca abantu ngenxa yesigulo abanaso. Kuqapheleka ngokophando ukuba kuninzi oko kubandlululana kunjalo kwabo baphila nesi sifo. Luxanduva lwawo wonke umntu ukuba oku kuncothulwe neengcambu kuba akwamkelekanga kwaphela. Abezempilo bonke bakhuthaza kakhulu ukuba ubani onesi sifo kuhle ukuba athi gqolo ukuwasela amachiza awanikwe eklinikhi ukusithomalalisa ukwenzela sidakumbe singanwenweli phambili. Kufuneka bakwenze oko belandela imigqaliselo ebekiweyo ngoogqirha ngokuchanekileyo. Oko koqinisekisa ukuba baphila ubomi obusempilweni bemihla ngemihla.

[10]

Umbuzo 3: Isibhengezo



Abanye abantu bacinga ukuba bangosuleleka yintsholongwane kaGawulayo nangokubulisana oku.

Okanye kwisitulo sebhasi. Akothusi ukuba abantu besoyikisana ngenyoka efileyo, kuba nabo baqhutywa kukoyika. Inyaniso emsulwa yeyokuba uGawulayo usulela kuphela ngentsholongwane yakhe, engakhethe bala lamntu, ingakhethe sini nabudala bamntu. Silapha nje ayisithelanga kuthi sonke into

yokuba iindlela esulela ngazo kukwabelana ngesondo nomntu osele enayo ngaphandle kokusebenzisa idyasi yomkhwenyana, okanye iinaliti eziya ngqo egazini, ukunikana igazi elingekho msulwa kwanokudluliselwa kusana ngunina walo. Bubuvuvu ukuba iikhompyutha, iipensile, iimpahla neebhafu zikhuthaza ukosuleleka yintsholongwane kaGawulayo.


*Sebenzisa inyani yokulwa ubugwala malunga noGawulayo.
Tsalelela umnxeba wasimahla kule nombolo: 086 645 8888*

Ilinge likaRhulumente lokulwa nokunwenwa kukaGawulayo

1. Kukuthini ukoyikisa ngenyoka efileyo? (2)
 2. Umzobi ngalo mfanekiso wezi zandla uchukumise uvakalelo..... (2)
 3. Yintoni injongo yokuba umyili wesi sibhengezo asebenzise amagama athi, “yinyaniso emsulwa.” (2)
 4. Sijoliswe koobani esi sibhengezo?
 - 4.1 abalahlekisanayo malunga nokosuleleka.
 - 4.2 abanesifo ugawulayo
 - 4.3 kwabasulelene ngegazi
 - 4.4 ayikho kwezingasentla (2)
 5. Chaza indima edlalwa sesi sibhengezo kwintlalo kaNtu? (2)
- [10]

Umbuzo 4: Ikhathuni

Qwalasela le khathuni wandule uphendule imibuzo elandelayo.



1. Ngokwale khathuni zehla phi ezi zehlo? Xhasa impendulo yakho. (2)
 2. Isagwelo sokuthetha esisetyenziswe kwisakhelo sesi-2 ngentetho ethi, “Kuthe kanti kunjalo.”
 - 2.1 Sisifaniso
 - 2.2 Isimntwiso
 - 2.3 Umbuzo-buciko
 - 2.4 Isihlonipho (1)
 3. Usisebenzise njani isigqebelo umzobi wale khathuni kwisakhelo 2? (2)
 4. Lithetha ntoni igama, “azinabuzaza” ngokwakwisakhelo 3? (1)
 5. Chaza umahluko obonakala kudaba lobuso bukaGqirha kwisakhelo 1 nesesine. (2)
 6. Mfundisoni esiyifumana ngokufunda le khathuni iyonke? (2)
- [10]

Umbuzo 5

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

Qinisekisa ukuba utya ukutya okunempilo kwaye okunesondlo. Oku kuya kukunceda uhlale uphilile kwaye unamandla okumelana nazo zonke iimeko zempilo. Ingulowo nalowo unohlobo lwedayethi olufanele yena. Idayethi enceda omnye umntu ayithethi ukuba ingamlungela omnye umntu. Idayethi luhambo olude lokufumanisa ngokufunisela ukuba utya okuphi ukutya kwaye kokuphi ukutya onokukutya noko ungenakukutya. Iinzululwazi zinokukunceda ngokuthi zikucebise idayethi enokuthi ikulungele.

Zama ukutya okuphekiweyo nokutya okosiweyo. Kuphephe ukutya owenziwe ukuba kungonakali. Kufuneka uzifundise ukufunda iileyibhile zokutya ukukhangela izithako okwenziwe ngazo. Indlela elula yokutya idayethi elungelelanisiweyo kukucinga ngokutya okutyayo ngokuphathelele kwiintlobo ezahlukeneyo ezifana nokutya okunesitatshi, okuneeproteni kunye neziqhamo.

Inxalenye engundoqo ekutyeni kwakho kufuneka ibe kukutya okunesitatshi okkufana neetapile, iisiriyeli zengqolowa, isonka, ipasta, irayisi kunye ne-oats. Oku kutya kunamafutha amancinane nefayibra eninzi. Kwaye kuneekhabohayidrethi ezininzi ezetyiswa kancinane kwaye ezinceda ekugcineni imigangatho yamandla.

Imibuzo

1. Kwingcambu yeli gama “Luhambo” fakela ezinye izimaphambili ukwakha amagama amatsha. Yenza izivakalisi ngamagama owakhileyo ukuphuhlisa ukuba uyayazi intsingiselo yawo. (4)
 2. Khetha isivakalisi esikwixesha elizayo kuhlobo lokuqondisa. (2)
 3. Bhala esi sivakalisi kwisinye: iinzululwazi zinokukunceda ngokuthi zikucebise idayethi enokuthi ikulungele. (2)
 4. Nika isichasi seli gama “olude”. Yenza isivakalisi ngegama olinikileyo ubonise ukuba uyayazi intsingiselo yalo. (2)
- [10]

[70]

Iimpendulo

Umbuzo 1

1. (a) Ngokomzimba. Wayeyimfama. (2)
- (b) Kukuba azi ukuba utata wakhe uza kufika kungekudala. (2)
- (c) Iimpendulo zabafundi ziya kwahluka. (2)
- (d) Sibaphathe kakuhle kuba ngabantu nabo kwaye nabo baneemvakalelo njengathi. (2)
- (e) Yinyaniso kuba bakho abantu abazimfama kwaye abakwaziyo ukucinga njengathi. (2)
- (f) Iimfama zinovakalelo njengathi kwaye ziyakwazi ukucinga. (2)
- (g) Iimpendulo zabafundi ziya kwahluka. (4)
- (h) Iimfama ziyakwazi ukuthekelela njengabo bonke abantu. (2)
- (i) UThando ulindele utata wakhe. (2)
- (j) Uyavuya kuba oko kwakulindelwe nguThando kweenzeka. (2)
- (k) Unovakalelo njengaye nabani. (2)
2. (a) Kubathandi bebhola ekhatywayo. (1)
- (b) Iqela iBafana bafana inengxaki yokungafaki amanqaku kwaye inkoliso yabadlali iyoyika xa kuqutyiswene namaqela amanye amazwe. (1)
- (c) Luyachukumisa. (1)
- (d) Alikhange liwulungele umdlalo. (1)
- (e) Lidlale ngokuzimisela. (1)
- (f) Kabuhlungu. Kububuhlungu. (1)

[30]

Umbuzo 2

Ukwabelana ngezi zinto zilandelayo nomntu ophila nentsholongwane kagawulayo akunakwenza ukuba wosuleleke: indlu yangasesese, idesika, isitulo, i-ofisi, imoto, iteksi, ityesi, imfonomfono, ikomityi, ifolokhwe, imagi, indlu, amatshiti okanye iimpahla. Ukwabelana nomntu ngokutya, ukusebenzisa ibhafu, iqula lokuqubha okanye ukuxhawulana nomntu owosulelekileyo. Ukuncamisa umntu onentsholongwane emilebeni. Akunakosuleleka ngokulunywa yingcongconi, yincukuthu, ikhalane okanye intakumba. Ubandlululo lwabantu ngokwesigulo abanaso akwamkelekanga makupheliswe tu. Bonke abanesi sifo kulindeleke ukuba balandele imithetho yezempilo basele amachiza ngokwemilinganiselo nemiqathango emiselweyo ngoogqirha nabo bonke abezempilo. Ubungozi bokutyeshela oku abunambaliso empilweni yomntu okutyeshelweyo oku.

[10]

Umbuzo 3:

- (a) Kukoyikisa umntu ngento engekho. (2)
- (b) Olokuba abantu bangabambana bangasuleleki/lomanyano/lokuncedana. (2)
- (c) Ipropaganda/ukuqweqwedisa/ufuna bamkholelwe. (2)
- (d) Abalahlekisanayo malunga nokusuleleka. (2)
- (e) Silungisa imeko abahlelisene phantsi kwazo abantu. (2)

[10]

Umbuzo 4

1. Esibhedlele/ekiniki sibona idrip nebhedhi yesibhedlele/yekliniki. (2)
2. Isihlonipho. (1)
3. Umntu ozise iindaba ezimbi uncumile. (2)
4. Uncumile (1)
5. Kwesokuqala ezise iindaba ezimbi, uqumbile ufumana iindaba ezimbi. (2)
6. Yenza komnye umntu oko unga kungenziwa kuwe. (2)

[10]

Umbuzo 5

- (a) Umhambi, abahambi, uhambo, ihambo. Naziphi izivakalisi ezakhiwe ngezi zibizo. (4)
- (b) Oku kuya kukunceda uhlale uphilile kwaye unamandla okumelana nazo zonke iimeko zempilo. (2)
- (c) Inzululwazi inokukunceda ngokuthi ikunike idayethi enokuthi ikulungele. (2)
- (d) Olufutshane. Nasiphi isivakalisi esichanekileyo. (2)

[10]

[70]